Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2026

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2

AMANQAKU: **80**

IXESHA: **2½ iiyure**

Olu viwo lunamaphepha angama-29.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda imiyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

   ICANDELO A: iSihobe (30)

   ICANDELO B: iNoveli (25)

   ICANDELO C: iDrama (25)

4. Phendula imibuzo emiHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, omNYE kwiCANDELO B, nomNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE

   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo emiBINI

   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Ngumbuzo ONYANZELEKILEYO

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA

   Phendula umbuzo omNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO omNYE kunye NOMFUTSHANE ube mNYE

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisiti ukwenza oku.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

6. UBUDE BEEMPENDULO

- Imibuzo esisincoko yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.
- Imibuzo esisincoko yeNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama 340–390.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO ngaliNYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ITHEYIBHILE YESIQULATHO

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incede umviwa akwazi ukukhetha imibuzo afuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: ISIHOBE

Imibongo efundisiweyo: **Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.**

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1.	Amanqaku	Umbuzo omde	10	7
2.	Imfecane	Umbuzo omfutshane	10	8
3.	Okuhle	Umbuzo omfutshane	10	9
4.	Mhela mfondini	Umbuzo omfutshane	10	10
KUNYE				
Umbongo ongafundiswanga. Kunyanzelekile ukuba uwuphendule.				
5.	Imfundo	Umbuzo omfutshane	10	11

QAPHELA: Phendula umbuzo omNYE OSISINCOKO nombuzo omNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

Phendula umbuzo omNYE.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
6.	*Inkawu idliw'ilila*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	12
7.	*Inkawu idliw'ilila*	Umbuzo omfutshane	25	13
8.	*Nyana wam*! *Nyana wam*!	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	15
9.	*Nyana wam*! *Nyana wam*!	Umbuzo omfutshane	25	15
10.	*Ukhozi Olumaphiko*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	18

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

11.	*Ukhozi Olumaphiko*	Umbuzo omfutshane	25	18
		OKANYE		
12.	*Ubuncwane Boncwadi lwemveli*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	20
13.	*Ubuncwane boncwadi lwemveli*	Umbuzo omfutshane	25	21

ICANDELO C: IDRAMA

Phendula umbuzo omNYE.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
14.	*Buzani kubawo*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	23
		OKANYE		
15.	*Buzani kubawo*	Umbuzo omfutshane	25	24
16.	*Indlal'inamanyala*	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	27
17.	*Indlal'inamanyala*	Umbuzo omfutshane	25	27

QAPHELA: KUMACANDELO B no C, qiniseka ukuba uphendule umbuzo OSISINCOKO omNYE nombuzo omNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo emiBINI ezizincoko okanye imibuzo emiBINI emifutshane.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ITSHEKHLISTI

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

ICANDELO		AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	TIKISHA NGASEZANTSI
A	Isihobe (Isihobe esifundisiweyo)	1–4	2	
	Isihobe (Isihobe esingafundiswanga)	5	1	
B	INoveli **OKANYE** Uncwadi lweMveli (Umbuzo osisimcoko soncwadi **OKANYE** umbuzo omfutshane)	6–13	1	
C	IDRAMA (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane	14–17	1	
QAPHELA:	KUMACANDELO B no C, qiniseka ukuba uphendula umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye EMIBINI emifutshane.			

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIHOBE YESIXHOSA – B. NGOMBANE

IMIYALELO

- Kweli Candelo kubuzwe imibongo nezibongo eziNE ezifundisiweyo nombongo omNYE ongafundiswanga.
- Ulindeleke ukuba uphendule nayiphi na imibuzo emiBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo KUNYE nombuzo omNYE wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

QAPHELA: Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qiniseka ukuba ukhethe emiTHATHU kweli candelo.

IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.

UMBUZO 1: (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula umbuzo osekwe kuwo.

AMANQAKU – ZS Qangule

1 Ulwazi lufukame ubudenge,
2 Ubudenge yitrone yobulumko.
3 Iinyembezi ngumthombo wenkathalo,
4 Inkathalo ihlanjwa ziinyembezi.
5 Intiyo iphuphuma luthando
6 Uthando liyeza lentiyo.

7 Ukhula lutshaba lwesivuno,
8 Isivuno sondliwa lukhula.
9 Ukholo lulwandle kweenkolo,
10 Iinkolo sisifingo seentolo.
11 Impilo yambethe ukufa,
12 Ukufa yileli yobomi.

13 Ukuba oku uyakwamkela,
14 Ilizwe ngoko lokwamkela.

Iinzingo nenkxwaleko zikhokelela kwimpumelelo. Ngqina olu luvo ngokuphicotha isigama esiphuhlisa umxholo walo mbongo.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**

OKANYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

IMFECANE – JJR JOLOBE

1 Yindimbane yentsabo amadoda nosapho,
2 Iimbacu, amafafa, iinkomo sezathinjwa.
3 Ngasemva kusisisi, isixeko luvundu.
4 Kumkhondo wemfecane kusele amagquba.
5 Yinkungu engqondweni, limpampam ngaphambili.

6 Ngebagxagxamisayo kwalandula unyanya.
7 Baxhaliseka futhi nazizingqi zotshaba
8 Ajuculuzela dzu amaHlubi amahle
9 AmaZizi noBhele ejokil' amaNgwane.
10 Isizwe semfecane kwelasempumalanga.

11 Yaba neenzi indlela kufocwa kozindada.
12 Bawela imisinga yamanz' anamagama.
13 Bahlafun' iintsizi isonka seenyembezi.
14 Bangathi bacekisa neemfunda zokumiwa,
15 Ngomhla wenkcithakalo yezizwe zelaseMbo.

16 Baphelelwa lutshongo bafunzela ngodaka;
17 Zajacek'izambatho banxib' ingca yasendle
18 Ukufihla ubuze ngomhla wobandezelo,
19 Babindeka becinga iindyebo zelaseNtla.
20 Akubangakho ngoma emlonyeni ngaloo mhla.

21 Ngamabona-ndenzile bethubeleza kwizizwe,
22 Basinda macebetshu kwiingozi zamarhamncwa.
23 Zancwina iimvekwana zizigulo zendlela,
24 Zalondolozwa noko bade bawel' uMbhashe,
25 Bangena kwaGcaleka kwimimandla kaPhalo.

2.1 Caphula umqolo kwisitanza soku-1, onika intsingiselo yokuba kwakubalekwa imfazwe. (2)

2.2 Phawula ngenkxalabo etyhilwa yimbongi kwisitanza 2. (2)

2.3 Tyhila umfanekiso ngqondweni oziswa ngumqolo wama- 23. (2)

2.4 Ngqina ukuba umxholo walo mbongo uyahambelana nesihloko sawo. (2)

2.5 Nika injongo yembongi ngalo mbongo. Xhasa impendulo yakho. (2)
[10]

OKANYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 3: (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo.

OKUHLE – ZS QANGULE

1 Yakhula inkwenkwe yabheka esikolweni,
2 Izithanda iincwadi ingenzi nomolweni.
3 Yayisingcutha isiLungu ingaqhelisi,
4 Iwadlakaza amanani njengesiNgesi.

5 Yazixaka iititshala zaphoselana ngayo,
6 Kwakuthi khinxi kukhululwe ngezayo.
7 Yaba yiminyakana idudulela phambili,
8 Bothuka bonke bajonga phambili.

9 Kwancipha ubuhlanti kwasala zambini,
10 Waphela umzi yavungama ilali.
11 Yaba yiminyakana yabhavumlela kude,
12 Wathi umntu uncamile ifuzile kakade.

13 Yaphela imfuyo kwaxhathiswa ngehagu,
14 Yabila ingqondo okweyehagu.
15 Lancama ixhego lathi liyazinikela,
16 Likhusela ikhehlekazi evasini lizincamela.

17 Labuya likaka izimanga lakukhohlela,
18 Nakwikhehlekazi kukubi lizitotobela.
19 Naxa kunjalo bathi kumele agqibe,
20 Wasebenza naye wabhitya nemilebe.

21 Qondo le-B.A. walixway' emhlana,
22 Ngqondo yakhe zange izigwagwise.
23 Lachach' ixhego nexhegwazana,
24 Khanyisa mzi babone kudana.

3.1 Caphula umqolo kwisitanza soku-1, onika intsingiselo yokuba le nkwenkwe yayikuthanda ukufunda. (2)

3.2 Phawula ngenkxalabo etyhilwa yimbongi kwiStanza sesi-3. (2)

3.3 Tyhila umfanekiso ngqondweni oziswa ngumqolo wama-21. (2)

3.4 Ngqina ukuba umxholo walo mbongo uyahambelana nesihloko sawo. (2)

3.5 Nika injongo yembongi ngalo mbongo. Xhasa impendulo yakho. (2)
[10]

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

OKANYE

UMBUZO 4: (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

MHELA MFONDINI – GV MONA

Mhela mfondini,
Andiphuthum' elam ikhohlombe.
Ngokwesethu isithethi,
Inkwenkwe iyazihlanganisela.
Mhela mfondini,
Ndilande ezakowethu,
Kwelakowethu ukuzuma lityala,
Khawuthob' iqulo mfondini-ndini,
Zaphukil' ezam iintonga,
Mhela mfondini !

Naxa ndiphuza umhlaba,
Ndothi Mhela kwakhona
Kuba ngeseth' isithethe.
Ewileyo ayobhuqwa .
Naxa ndigevezel' amadolo,
Ulwimi luyinkaba-nkaba
Ndothi ndimele kanjaqo
Kuba le ndeko inimigaqo,
Mhela mfondini!.

Akuvuyelelwana akuxhatshazwana,
Kuhlonitshwene kuxatyiswene.
Amakhwenkwe amancinane.
Abahlonele oonongena,
Oonongena bawahlonel' amakhulu,
Amakhulu iinto ezitshotsh' entla,
Abahlonele oonosala.
Kuyo le ndeko
intlonipho ngundoqo,
Mhela mfondini !

4.1 Caphula umqolo kwisitanza soku-1, onika intsingiselo yokuba ukubetha umntu engalindelanga kungakufaka engxakini. (2)

4.2 Phawula ngenkxalabo etyhilwa yimbongi kwiSitanza sesi-2. (2)

4.3 Tyhila umfanekiso ngqondweni oziswa ngumqolo wama-16. (2)

4.4 Ngqina ukuba umxholo walo mbongo uyahambelana nesihloko sawo. (2)

4.5 Nika injongo yembongi ngalo mbongo. Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

OKANYE

UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UWUPHENDULE.

UMBUZO 5: (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

IMFUNDO – Z KUPE

1 Imfundo! Imfundo mawethu!
2 Imfundo ngundoqo mawethu
3 Imfundo sisitshixo mawethu,
4 Imfundo nguthixo wethu mawethu
5 Ngaphandle kwayo asinto yanto mawethu,
6 Ngaphandle kwayo asinto yalutho mawethu.
7 Imfundo isinika ulwazi, luze ulwazi lusinike ukuqonda.

8 Ukuqonda kona kusityhalela empumelelweni
9 Impumelelo ifunyanwa zizilumko.
10 Akufunda umntu, chapha ilanga kuloo ngqondo yakhe,
11 Ehamba nje uchul' ukunyathela
12 Linene elinobunono, nokuthetha kukhethekile.
13 Loo gama aphuma kuloo mlomo buvumbulula
14 Ulwazi analo uphopho.

5.1 Chaza isixhobo sohlalutyo esifumaneka kumqolo woku- 1–4 nenjongo yokusetyenziswa kwaso. (2)

5.2 Caphula umqolo otyhila ukuba umntu ongafundanga akayi ndawo ebomini. (2)

5.3 Ibethelela luvo luni imbongi kwistanza soku-1? (2)

5.4 Tyhila intsingiselo eziswa ngumqolo we-10. (2)

5.5 Nguwuphi umyalezo odluliswa yimbongi kulo mbongo? (2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO B: INOVELI

IMIYALELO

- Kweli CANDELO kubuzwe iiNoveli ezimbini noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli/kuncwadi lwemveli olufundisiweyo.
- Kwinoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMFUTSHANE,ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa ukhetha umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwiDrama).

INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) **OKANYE** UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE).

UMBUZO 6: (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

INKAWU IDLIW' ILILA – S. KULA

Ukunganyaniseki kungumqobo kwiphulo lokulwa ulwaphulo mthetho. Tyhila indima yokunganyaniseki kukaMfuneko engquzulana nomthetho nto leyo emtyhalele kwisiwo sakhe, ekugqibeleni wanikwa intshinga umthetho kule Noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

OKANYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 7: (UMBUZO OMFUTSHANE)

INKAWU IDLIW'ILILA: S. KULA

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

"Lo mfo uyasilwa, ngoku ke nathi kufuneka simlwe nganxa zonke. Ukuba akakafuni ukusebenzisana nathi kungcono athathe i*transfer* aye kuma kwenye indawo. Into yobumpimpi ayizange yaxoleleka nakowuphi na umsebenzi', watsho ebetha ngenqindi etafileni uMfuneko.
"Uyabona ke, kufuneka nathi sirhubuluze phantsi okwenkwili. Ulula maan uMapheza. Masingamngxameli ngowethu." Watsho uNqoza esithi xum encokweni emamela.
"Inyoka ke yagwetywa kwasemyezweni waseEden. **Nathi ke kufuneka siyityumze intloko",** watsho uMfuneko.
Beva uNjinga ekhwaza esekude igama likaNqoza. Wathi akukroba, wayibona ingqonyela ilandelwa nguMapheza besiya kungena eofisini yayo. Uphume embombozela kukubizelwa endaweni eNomapheza owayengasanqweneli kumbona phambi kwamehlo akhe. Wayengasazi ke ngoku nokuba uphinde wamkila na kwabakhulu.
Wafika eofisini kaNtsumpa wamamela ukuba ubizelwa ntoni na. Akuba uNqoza ethe akukho nto axakeke kakhulu yiyo, uNjinga umcelile ukuba ancedise uMapheza ekuphandeni ngokugwintwa kukaYangaphi. Waphuma kuloo ofisi uNqoza efutha ngumsindo. Wayecaphuka ngendlela ebonakalayo. Wayengacatshukiswa kukuthatha umyalelo wentsumpa koko wayecaphukela lo mntu aza kwenza naye uphando. Impimpi kantamnani!
Wathi akucinga, wafumanisa ukuba ngevuye waxhumaxhuma okomntwana ukuba olo phando ebeza kulwenza noMfuneko. Wangena eofisini sel' emoya wumbi. Wathi uMfuneko akumbona ukuba akacacanga, wambuza ukuba ebembizela ntoni uNtsumpa.

7.1 Caphula ubungqina obuphuhlisa ukuba uMfuneko noNqoza bayasebenzisana ngokwesi sicatshulwa. (2)

7.2 "Ukuba akakufuni ukusebenzisana nathi kungcono athathe i*transfer* aye kuma kwenye indawo".

Ngokolwazi lwakho lwencwadi ingaba ngenene uMfezeko akakufuni ukusebenzisana noMfuneko? Cacisa. (2)

7.3 Xela isenzo sobumpimpi atyholwa ngaso uMfezeko nguMfuneko kule ncwadi. (2)

7.4 Nika intsingiselo yamazwi abhalwe bukekela kumgca wesi-5. (2)

7.5 Tyhila isigqebelo esikumazwi kaMfuneko abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

7.6 Chaza amalinge amaBini abawenzileyo uNqoza noMfuneko ukususa uMapheza ongumqobo endleleni yabo. (2)

7.7 Ucinga ukuba kutheni uNqoza efuna ukusebenza noMfuneko, angakuthakazeleli ukusebenza noMfezeko. (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

KUNYE

ISICATSHULWA B

Wafika uMfuneko eligwele uThantaswa, ethukisela ngumsindo. “Bayaxoka baza kundinika eyam imali! Abayonto elifeni lomyeni wam tu,” watsho uThantaswa egqiba kuqhaqha ileta yaseburhulumenteni eyayifike ngoLwesihlanu apho emzini wakhe.apho emzini wakhe.

Le ncwadi yayigunyazisa ukuthathelwa kurhulumente kwento yonke kaMsindisi Yangaphi. Besenza le nto nje abasemagunyeni bebesele beyivalile imali yakhe esebhankini, beyigcinise iqumrhu elithile lamagqwetha. Kaloku uMdlambila wayeselevumile ukuba unetyala akungcanjaziswa ngamapolisa phaya entolongweni.

“Ngoobani aba bafuna ukudla ilifa lethu?” Wabuza engacacanga uMfuneko. Akazange aphendule uThantaswa, wasuka wamphosela ngaloo ncwadi.
Wayithi hlasi uMfuneko, emva koko wazifundela. Kanti ngusathana wantoni na lo usivelelayo kwezi ntsuku Thantaswa? Inene ingcwaba likaYangaphi liyathukuza okwentuku evunduza phantsi komhlaba. Ngowukhe ulindwendwele, uthethe naye ukuba makehlise umsindo nengqumbo,” watsho ephelelwe ngamandla uMfuneko owayebala iveki enye phambi kokuba azokuva isigwebo sabo noNqoza. Sasichazwa ziingcali zomthetho njengeseminyaka eliqela entolongweni. Ipolisa eliphazamisana nomthetho!

Usivile isibhengezo esenziwe kunomathotholo sesiya sibhanxa singuNjinga?”
“Ngubani ke lowo?”
“Ndithetha ngaleya nkunxa ithe nkuhlu isisu inguNtsumpa wamapolisa.”

“Uthi kutsha phi ngoku lowo?”
“OoSixaki babanjiwe, kwaye baselugcinweni lwamapolisa, nalapho basancinwa khona,” watsho ejonge phantsi uMfuneko.
“Intoni? OoSixaki basemapoliseni! Inene andiyazi into eyasindisa laa Mapheza kuvutha kaSiphongo! Siza kuthini ngoku Mfuneko?”

7.8 Sizathu sini esibangela ukuba lithathelwe kurhulumente lonke ilifa likaMsindisi linganikwa uThantaswa njengomfazi wakhe? (2)

7.9 “Ngoobani aba bafuna ukudla ilifa **lethu**?”

Ngokolwazi lwakho lwencwadi, ungena ngabuni uMfuneko kwilifa likaYangaphi? (2)

7.10 Mfanekiso nqondweni mni esiwutyhilelwa ngamagama abhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa? (1)

7.11 Phawula ngamazwi kaMfuneko akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

7.12 Ngqina amazwi athi ‘ingcibi yamanzi ifa ngamanzi eyezikhali ifa zizikhali’ ujonge kwisiphelo sikaMfuneko noThantaswa kule ncwadi. (2)

7.13 Mfundisoni oyifumene kwesi sicatshulwa? (2)
[25]

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

OKANYE

UMBUZO 8: (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

NYANA WAM! NYANA WAM! – WK TAMSANQA

Ukunyaniseka kungumqobo kwizinto ezingendawo zehlabathi. Phonononga indima yokunyaniseka kukaThole engquzulana nezinto zehlabathi nto leyo emtyhalele kwimpumeleno yakhe kule Noveli. **[25]**

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390.

UMBUZO 9: (UMBUZO OMFUTSHANE)

NYANA WAM! NYANA WAM! – WK TAMSANQA

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA C

"Njengokuba unyaka sowuphelile nje ucinga ukuba indawo uya kuyifumana phi? Khona ingathi sowumdala nje **ucinga wobasafunda into eyiyo?"**
"Indawo sendiyifumene. Mayela nobudala, imfundo ayizanga yanamntu mdala, ngaphezulu ndicinga ukuba ndim oyena mntu oya kufunda into eyiyo kuba sendikhe ndabethwa lilizwe, ndilazi ixabiso lemfundo."
"Uyifumene phi indawo?"
"EDikeni."
"Hayi ke mfo wam xa usitsho andimi phambi komsindo wakho, indab' inendodana uyise akanatyala."
Laba liwa phantsi ke ibhunga labathathu. Wathi akuziphalaza kuNofundile noMaNtuli uFikizolo iindaba zokuba uMangaliso ujonge ukupindela esikolweni badana kuba babengasalindele ukuba uMangaliso ucinge ngokuya esikolweni, kodwa ke bayeka, baba bafa namthanyana kwinto ababeyicina.
Kwiveki yesibini kwinyanga yoMqungu wayibopha yancinci uMangaliso esinga eDikeni njengoko izikolo zazivulwa kwiveki yesithathu. Enziwe kangako amalungiselelo omntu oya esikolweni kwaFikizolo noxa wonke umntu wayengathembi, kangangokuba wade wavakala esitsho uFikizolo ekuphumeni kukaMangaliso esithi, 'hayi ke mfo wam sendothemba xa ndifumana incwadi yakho useDikeni.' Okunene into yokuqala awayenzayo akufika eDikeni kukubhalela uFikizolo emxelela ukuba uhambe kakuhle kwakunye noThozama emxelel kuba usesikolweni. Impendulo evela kuThozama yakhawuleza ukubuya ngokungathi ngumntu obehleli eyibhalile incwadi, emkhuthaza ngamazwi anzulu. Yafika incwadi kaThozama ngenqwelo yomoya inesikhova.

9.1 Caphula amazwi angqina ukuba uMangaliso uzimisele ekufundeni nangona emdala (2)

9.2 Ngokolwazi lwakho lwencwadi, ingaba uMangaliso waphindela esikolweni? Xhasa impendulo yakho. (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

9.3 “Laba liwa phantsi ke ibhunga labathathu”.

Leliphi eli bhunga labathathu kuthethwa ngalo apha? (3)

9.4 Chaza zibe zibini iziganeko ezingqina ukuba uMangaliso ukhe wabethwa lilizwe kule Noveli. (2)

9.5 Ngokwesicatshulwa, xela izinto ezimbini azenzileyo uMangaliso ezibonisa ukuba uzimisele ukuphindela esikolweni. (2)

9.6 Tyhila isigqebelo esikumazwi abhalwe ngqindilili kumhlathi wokuqala. (2)

9.7 Ngokolwazi lwakho lwencwadi xhasa ukunyaniseka kwamazwi kaMangaliso athi, “ndim oyena mntu uya kufunda into eyiyo”. (2)

9.8 Ingaba uyangqina ukuba uMangaliso wakwazi ukukhusela isifungo awasenzayo sokuba ngumfundisi? Xhasa impendulo yakho. (2)

ISICATSHULWA D

Kuthe xa kuphakathi engxoxweni ngalo mbandela, kungekho uzimisele ukunikezela, uMangaliso emile ngelokuba makathunyelwe kuyo, mfundisi sikhaba ngamanqina omane sisala, kwavela la ngwevu yomfundisi ibikhe yadanduluka esidlangalaleni isithi; **‘Akuyi lubuyayo** apho mfo wam,’ yathi, ‘Uxolo maWesile amahle, kambe ngokuzenza umqobo phambi komfundisi lo efuna ukuya eGeorge Goch *hleze kuthi kanti siphazamisana necebo likaThixo*. Ndingomnye nje ochase ukuba umfundisi lo aye eGeorge Gosh ndiphakamisa ukuba umntu kaThixo akhululwe ahambe aye kule ndawo, inkomo enotshobo ayinqandwa bazalwana.

Ngaloo mazwi endod’ enkulu waba uyakhululwa uMangaliso ukuba ayokuba ngumfundisi eGeorge Goch eza kujongana nombandela wokwakha nendlu yecawa. NgoLwesihlanu emva kokuba enyuliwe wenjenjeya nenkosikazi yakhe bephuma eAlbert Street besiya kuhlola loo lokishi wayeza kuqala kuyo umsebenzi wakhe bekhwele kuNyawuzevangeli.

Bafika beshiya imoto esangweni bee chu kancinci besihla benyuka nezitalato zelokishi bemana ukunqwala ngeentloko bebulisa ababehleli eziverandeni. Kuye wonke umntu odlulayo kwakusala ukuba angakhe eme esondele esi sibini. Ude ubeve abanye bethethela phantsi bebuzana besithi,’Ngowaphi na lo mfundisi ufaneleke kangaka?
“Andazi uthi asinguye lo waseWesile uza kuza apha? Wova esitsho ukuphendula obuzwayo.’ Kowu! Ingathi usemncinci nje nithi uza kulunga kule George Goch inzima kangaka?”
Bathi kuba kwakungoLwesihlanu emva kwemini bazibona izimanga zeGeorge; abantu benxila bebhuza ezitalatweni bephuma izinto ngemilomo yabo.

9.9 Nika intsingiselo yebinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa (2)

9.10 Ukhokelwa ngamagama abhalwe bukekela kwesi sicatshulwa, xela ukuba afezekisekile na amazwi esithethi achasa ukuba ngumqobo kwicebo likaThixo? Xhasa impendulo yakho. (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

9.11 Ucinga ukuba isiphelo sikaMangaliso ibe sisiphelo esilindelekileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.12 Ngqina ukuba ibali lale ncwadi sisiyolisi, qamela kwisiqalo nesiphelo sebali. (2)

9.13 Mfundisoni oyifumana kwesi sicatshulwa? (2)
[25]

OKANYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 10: (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

UKHOZI OLUMAPHIKO – N. SAULE

Ukunyaniseka kungumqobo kubacinezeli. Phonononga indima yokunyaniseka nobuthandazwe bukaMfazwe engquzulana nabacinezeli, nto leyo emtyhalele kwimpumelelo yephulo lomzabalazo kule Noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

OKANYE

UMBUZO 11: (UMBUZO OMFUTSHANE)

UKHOZI OLUMAPHIKO – N SAULE

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E

Ndandifuna ukuyaleza kwabebanga leshumi ukuba bagqibezele esiya sahluko singokulwelwa kwenkululeko ngamazwe ngamazwe aseAfrika. Luthe lwakuvalwa ucango ndanethemba lokubona umntu, kodwa intoni, ndakhawulelwa ngengxowa enuka umchamo, yathiwa gungxu apha entloko ndabe sendityhalwa ngasemva ukuya kukhweliswa enqweleni eyayiziswe ngomva apha esinaleni, seyivulwe iimpundu ezi ukundamkela. Ndagityiselwa phezulu, ndabetheka ndaya kuwela ngaphakathi evenini emva kokuba ndikhe ndakhiwa ezimbanjeni ngemvubu latsho lanyela eli cala langasekunene.

Yaxhuzula iveni yatsala, ndathi xa ndihlala ngeempundu, yaqhotyoshwa xhikri, ngxi yema, ndathi kuba ndandingabambelelanga ndawo, ndatshibilika ndaya kubetheka entla. Ukuba yayingeyongxowa endandigungxiswe yona, ngeyayindiqwenge ndaphela inja endaya kuntlaleka kuyo phaya entla. Ndithe ndikhalima ndisithi, suka nja, yabe isitsho intsini yeziya zinja zingaphambili, incedisa ukukhonkotha kwenja eyayigqiba kundingqavula. Ndinyonyobele kude enjeni, ndatshela apha ecaleni kwenqwelo, yavutha ukuya apho ndingaziyo. Yayisithi ukusuka kwayo, ekubeni ibikhe yemisa, ithi ukuxhuzula, inja itshibilike izobetheka kum lisuke phantsi idabi, indingqavulele ukundibona oku. **Yayibamnandi le nto kookhakhakha** kuba babeyihleka de bakhohlele. Ukuba nje kwakunokususwa entloko ingxowa eyayindivalele ngevumba lomchamo wenkwenkwe endala kwakungaba ngcono. Yaphaphatheka isithukuthezi inqwelo, yathi yakumana isithi swenye ngapha nangapha, ngathi linxila liphepha izicithi, ndaqonda ukuba ifikile eXerha.

11.1 Chaza ubungqina obubonisa ukuba uMfazwe wayefundisa isifundo sokulwela inkululeko kubantwana bakhe bebanga leshumi. (1)

11.2 Xela ubumpimpi atyholwa ngabo uMfazwe kule Noveli. (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

11.3 Chaza zibe zibini izenzo ezibangele ukuba amapolisa abizwe ngezinja. (2)

11.4 Nika uluvo kwesi sicatshulwa olubonisa ukuba la mapolisa akanabuntu. (2)

11.5 Tyhila isigqebelo esikumazwi abhalwe ngqindilili kwisicatshula. (2)

11.6 Cacisa ngeengongoma ezimbini ukuba ubumnandi awayekubo la mapolisa akwesi sicatshulwa liphele ibali sebubhangile. (2)

11.7 Tyhila ukuzaliseka kwamazwi abhalwe ngqindilili kumhlathi wokugqibela kwesi sicatshulwa, ngokwasebalini. (2)

11.8 Ingaba ukubayedwa kukaMfazwe kwicala lobuthandazwe kulomelezile na uluvo lokuba ubuthandazwe bunamandla kunengcinezelo. Xhasa impendulo yakho. (2)

ISICATSHULWA F

Ithe seyigqitha le ntokazi kum, yajika ndamva umfana xa ekukhalazela oko, ethetha isiXhosa. Ijike yaza kuma phambi kwam ayagqitha. Ndaphakamisa intloko ndisiba mhlawumbi ngumntu oxakwe yinto.
YayinguCikizwa! Andiphinda laa mehlo **ukundibamba ngomnatha**, sajongana ixesha elide, kwada kwangenelela unyana wakhe ngokumtsala-tsala.
‘Ngunyana kabani lo umhle kangaka ?’ Ndibuza kuCikizwa sekukudala sihleli phantsi egumbini lokutyela kwalapha esikhululweni seenqwelo-moya. Ngaxeshanye ndifunqule le nkwenkwe yasuka yathandeka, ndiyibeke phezu kwalo mlenze ungaqhwaleliyo.
‘Ngunyana wakho!’ Izinto ezothusayo zingabe ziphinda ziphele na kakade?
‘Hayi wena Cikizwa khawuthethe inyani. Phofu ke ukuba akufuni kuxela, kakade ibingeyondawo yam leyo, kodwa ke unonyana omhle gqitha.’ Ndatsho ndirhwaqela ndisoyika ukuthi kanti ndonile.
‘Xa umjongile wena ufana nabani? Khangela olu siba lusebunzi, ngumfanekiso wakho nangalaa mehlo alaqazayo. UZubuye lo ngunyana wakho. Nako nangoku ubuyile.’
Amehlo am ayesathe ntshoo emfaneni, engakwazi ukusuka. UCikizwa wayethetha ngokukhawuleza.
“*Kuyacaca iileta zikanina noninakhulu akukazifundi*. UNokuzola wamfumana lo mntwana ukusweleka kwakhe. Kwakufanele ukuba wayengazanga aphile naye, kodwa uThixo akavuma, lwasinda lona usana. Ukuba ube ulapha yimisebenzi kamfundisi uHlathi nenkosikazi yakhe. Sendingenelele ke nam njengonina.” Ndiphazanyiswe kwingcinga neziqhwaywe nguZubuye kukufika konyana kaMeva Douglas, ndabe ndisithi makusongwe impahla.

11.9 Nika intsingiselo yebinzana elibhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa (1)

11.10 Xela ukuba isigqibo sikaMfazwe esikhokelele kumazwi abhalwe bukekela silichaphazele njani ikamva lakhe nonyana wakhe ? (2)

11.11 Ucinga ukuba isiphelo sikaMfazwe ibe sisiphelo ebesilindelekile? Xhasa impendulo yakho (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

11.12 Ngqina ukuba isiqalo nesiphelo seli bali siphuhlisa ibali eliyintlekele-siyolisi. (2)

11.13 Mfundisoni oyifumene emva kokufunda esi sicatshulwa? (2)
[25]

OKANYE

UMBUZO 12: (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI SWANA NABANYE

Ukunganyaniseki kungangumqobo kwimpumelelo kanti ukunyaniseka kungayiphumelelisa imizamo yomlinganiswa. Phonononga olu luvo ngomlinganiswa onguDyakalashe kwintsomi kaDyakalashe noMvolofu kunye noNolizwe kwisibongo esithi, ‘Ukumkanikazi uNolizwe Sandile’.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama 340–390. **[25]**

OKANYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 13: (UMBUZO OMFUTSHANE)

UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI SWANA NABANYE

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi lwemveli zingezantsi, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA G

INTSOMI KAKHETSHE NESIKHUKUKAZI

Kwathi ke kaloku ngantsomi. Kwiinduli zaseLatakisa kwakukho abantwana ababelekelana, uDeli noDeliwe. UDeli wayeyinkwenkwe, uDeliwe eyintombazana. Abazali babethanda uDeli bengamthandi uDeliwe. Babesithi uDeliwe mbi kuba wayenezifombo. Yayimkhathaza le nto uDeliwe kuba wayehlekwa nguDeli esithi bekufanele ukuba akangowakowabo kuba akuzange kubekho sifombo kowabo, siyaqala ngoDeliwe ukubakho. 'Kunokwenzeka ukuba wacholwa usemncinci wakhuliswa apha ekhaya.' Wayehlale' ahlale atsho uDeli enkqonkqa eso sifombo.

Ngaminazana ithile uDeliwe wathunywa kwamakhulu. Naxa babedla ngokuhamba bobabini noDeli akazange afune ukuhamba naye esithi iyamhlaza into yokuhamba naye eneli gongqo lisemqolo, waba uhamba yedwa ngolo hlobo. Wahamba, wahamba, emana ukuhlala phantsi kuba wayediniwe kwaye kukude yaye indlela ifuna uyihambe nomntu. Wayeza kuyihamba nabani ke uDeliwe? Wakha wahlala phantsi walila, wagixa wada wanesingqala. Esathule njalo ecinga, weva ilizwi elincinci lisitsho ngaphaya kwamawa. Wothuka walaqaza uDeliwe akambona tu umntu othethayo ukuba uphi na. Eli lizwi lalivakala ngathi lelentombazana. Naxa lalivakala kancinci yayivakala into eliyithethayo, libugadlela xa lithetha. Waliva uDeliwe lisithi, 'Deliwe, Deliwe! Wathula uDeliwe exakwe kukusabela kuba engazi ukuba uza kusabela athini na. Lavakala ilizwi kwakhona, 'Deliwe! Deliwe!' Wancuma uDeliwe waphendula, 'Ndiyeva ukuba uyandibiza kodwa ndixakiwe yindlela yokusabela, ukuba ndithi, 'hi-i-l, ndibengathi andinambeko."

13.1 'Kwahlala kwahlala kwayintsomi.'
Nika umsebenzi wala mazwi. (2)

13.2 Atyhila ntoni ngabazali amazwi athi, 'abazali babemthanda uDeli bengamthandi uDeliwe? (2)

13.3 Uzotywe wangumlinganiswa onjani uDeli ngokwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.4 Yiyiphi injongo yokusetyenziswa kophinda-phindo lwegama, 'wahamba, wahamba' kwisicatshulwa? (2)

13.5 Tyhila ifuthe elikumazwi athethwa lilizwi elingaphaya kwamawa kuDeliwe. (2)

13.6 Ngeengongoma ezimbini chasa isenzo sabazali baka Deliwe. (2)

13.7 Mfundisoni oyifumana kule ntsomi? Xhasa impendulo yakho (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ISICATSHULWA H

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule uphendule imibuzo elandelayo.

USILIMELA! – INYANGA YOKUBALA IMINYAKA YOBUDODA

.....

1 A! Silimela!
2 AmaNdlamb' amatsha!
3 Hay' amaNdlamb' amatsha!
4 Hay' amandlamb' amatsha!
5 Inkos' ama, ngumntakaNdluzodaka,
6 Yindod' ezalwa ngabantwana ababini:
7 Izalwa nguMakinana noNopasi.
8 UNopasi yintombi kaMon'umhlophe kwaNtshunqe.
9 Umhlophe kaNtshunqe kwaBomvana.
10 NguLuhad' igama lakhe,
11 Umbambo zemka zabuyela:
12 Ngaphantsi kwelitye kuyoyikeka
13 Kuba zilaph' iinzwana namadikazi.

14 Kulapho yaqala khon' ukugagana.
15 Yatshay' impampile yaseMlungwini;
16 Yatshay' impampile yaseXhoseni.
17 Yaw' imikhuthuka amacal' omabini
18 Yarhox' ekaNtsikana yasinga kwaseQumrha
19 Wee tyu uNdluzodaka
20 Waya kutsho kuNdada kooVece kuXesimangqagala.

13.8 Chaza isilimela ngokwalo mbongo. (2)

13.9 Phawula iimpawu zesibongo ezifumaneka kulo mbongo. (2)

13.10 Caphula kwisitanza 2 umqolo otyhila ukuba kwakuqubisene amacala amabini. (2)

13.11 Phonononga injongo yokusetyenziswa kophindaphindo Kwimiqolo 2, 3, 4. (2)

13.12 Ingaba isihloko salo mbongo siyahambelana na nomxholo walo mbongo? (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 25

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO C: IDRAMA

IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE kwincwadi oyifundileyo uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli/ kuNcwadiLwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI KwiCANDELO C (kwiDrama). Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli/ kuNcwadi Lwemveli KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

UMBUZO 14: (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

BUZANI KUBAWO – WK TAMSANQA

Abalinganiswa abangqonge umlinganiswa othile babanefuthe ekutshabalaliseni ikamva lakhe. Ngqina olu luvo ngomlinganiswa onguGugulethu ucangcathe kwiziganeko ezenzekileyo ebalini kutshatyalaliswa ikamva lakhe.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

OKANYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 15: (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zedrama uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA I

UGUGULETHU:	Ndiyabulela bawokazi, ndiyabulela nonke bobawo. E-e-e kanene bawo utheni kum mhlana wawubeka lo mcimbi?	
UZWILAKHE:	Wuphi umcimbi?	
UGUGULETHU:	Lo wokuba kufuneka ndizekile? Amazwi owawathethayo ngawaphi?	5
UZWILAKHE:	Hleze kuthi kanti ndiwalibele, mandikucele Hlubi undikhumbuze.	
UGUGULETHU:	Utheni ngokufunza?	
UZWILAKHE:	Ndithe umdala akuntanga yakufunzwa.	
UGUGULETHU:	Ngoku wenzani?	10
UZWILAKHE:	Ndenzani ngani?	
UGUGULETHU:	Akundifunzi ekubeni wena uzigwebile wathi andintanga yakufunzwa?	
UZWILAKHE:	Mfana wam ndimdala, ndimdala nje andizanga ndaxoka. Ndingazanga ndaxoka nje andizanga ndabayiyo le nto kuthiwa liwexuwexu, into ethetha apha, ithethe phaya. Musa ukufuna ukundenza loo nto ngoku ndigugayo. Ukuba ndiyajika ngoku kule nto ndoba ndizenza ixoki newexuwexu.	15
UGUGULETHU:	Ixoki lona sewuzenze lona Rhadebe ngokuthi andintanga yakufunzwa utsho undimele ngecephe undifunza. Uyabona ke mandikuphe le nyaniso. Nosana olu sewulufunza, ukuba ukutya alikufuni, alikufuni. Woda usuke ulukakaze, lukuginye nzima lujambalaza lungenakunceda kuba lusoyiswa ngamandla. Womana uluvingca iimpumlo ulufuthanisela usithini, lungenakunceda. Kanti ke yingozi leyo kuba usana losuka lurhaxwe, ukutya kuhle ngandlela zimbi kuba aluginyi ngakuthanda. Kuza kubanjalo ke apha kum. Ndithe andiyifuni nje laa ntombi andiyifuni, ndaye andisayi kuze ndiphinde ndithi ndiyayifuna. **Ungayithatha ke ngokubona kwakho, kodwa akuyithatheli uGugulethu**, uGugulethu yena uza kubuye umthathele owakhe umfazi.	20 25 30
UZWILAKHE:	Uxolo mfowethu khe ndisabel' apha kuwe. Uthi awufuni kuzenza ixoki ngokungathi ungumntu lo osel' ezimanye ngentetho ethile komnye umntu.	

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

15.1 Chaza ukuba nguwuphi lo mcimbi athetha ngawo uGugulethu kumamagama abhalwe bukekela.

"Akundifunzi ekubeni wena uzigwebile wathi andintanga yakufunzwa?" (1)

15.2 Xela izenzo eziBINI ezingqina ukuba uZwilakhe uyamfunza uGugulethu. (2)

15.3 Kubethelela ngcingani ukusetyenziswa kwamagama akrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa ngokwemeko kaZwilakhe? (2)

15.4 Xhasa ngokwebali ukuchaneka kwamazwi kaMthetho athi "ngokungathi ungumntu lo osel' ezimanye ngentetho ethile komnye umntu." (2)

15.5 Cacisa udidi lwempixano olufumaneka kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.6 Ngeengongoma ezimbini ngqina ukuchaneka kwamazwi abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

15.7 Phawula ngemeko yokwahluka kwamaxesha edale umsantsa ngokwesi sicatshulwa. (2)

KUNYE

ISICATSHULWA J

UZWILAKHE:	Nasi ke isicelo sam. Ndiyacela ukuba nanjengoko indim unobangela wako konke oku, makakhululwe lo mfana kuxhonywe mna endaweni yakhe. Ngenene ndiyavuma ndim unobangela, ndandingalibali ndisisilumko kanti ndisesokuqala isiyatha, njengoko setshilo umfo wasemzini. Ngenene le nto ibubulumko ayikho phantsi kwelanga, wayeyanisile umfo wasemaMpondomiseni. Nto zakuthi ilizwi elathi isala kutyelwa sibona ngolophu liyinene. Lulo olu ulophu. Kodwa ke ndiwakhumbula sekonakele, akusancedi lutho sendifana nogxwala emswaneni. Ngenene ngenene, ndiwuhlwayele umoya, namhla ndiyaluvuna uqhwithelo. Lulo olu. Mhlekazi ndiyacela makuxhonywe mna.	5 10
IJAJI:	Zwilakhe, endikuthethileyo ndikuthethie, endikubhalileyo ndikuhalile, ngoko ke akunakho ukuphinda kuguqulwe. (Uguqukela kuGugulethu) Gugulethu ndigqibile wena uthini?	15
UGUGULETHU:	Mhlekazi mna ndiyabulela ndithi ugwebe kakuhle kakhulu, uhambe apho wonke ubani ebejonge ukuba uhambe khona. Kodwa ke inye into endiza kuyicela kuwe yile, nokuba ngaba kwenzeke ntoni, nokuba ndiza kuxhonywa ePitoli nokuba ndiza kuxhonywa phesheya kolwandle, nokuba ndixhonywe phi na, maze undincede ngale nto mhlekazi, ukwahlukana komphefumlo nenyama yam niwuthathe umzimba wam niwusonge niwuthumele eMthatha uye kungcwatywa khona ekunene kwengcwaba lentombi kaLangeni. Nina nonke nikhoyo apha yini na ukuba nithi khunebembe? Ndiyanicela khululekani. *(Utsho encumile)*	20

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

15.8 Sizathu sini esibangela ukuba uZwilakhe afune ukuba kuxhonywe yena endaweni kaGugulethu? (2)

15.9 Thelekisa uvakalelo lukaZwilakhe ngokwesi sicatshulwa kunye noZwilakhe ngexesha ebezakuzela ukuba kuthathwe intombi kaMcothama kwintlanganiso yamaHlubi. (2)

15.10 Xela ukuba kutheni uGugulethu efuna ukuba umzimba wakhe ungcwatywe ngakowentombi kaLangeni endaweni yekhaya lakhe. (2)

15.11 Cacisa ukuchaneka kwegama “uqhwithelo” xa uZwilakhe echaza okwehle ebalini. (2)

15.12 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba uZwilakhe ulilandele igama lakhe ngokwesi sicatshulwa. (2)

15.13 Nika iimpawu zibe mbini ezibonisa ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwidrama. (2)

[25]

OKANYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 16: (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

INDLAL'INAMANYALA – M. LAMATI

Abalinganiswa abangqonge umlinganiswa othile babanefuthe ekutshabalaliseni iminqweno yomlinganiswa lowo. Ngqina olu luvo ngomlinganiswa onguMamQhinebe noMaGatyeni kutshatyalaliswa iminqweno yabo kule drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe kakuhle ngamagama angama-340–390. **[25]**

OKANYE

UMBUZO 17: (UMBUZO OMFUTSHANE)

INDLAL' INAMANYALA – M Lamati

Funda ezi zicatshulwa zedrama zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA K

USIQHIWU:	Uqeshelwe ukuhoya amahlwempu nezinhanha ngokulinganayo; amaqaba nezifundiswa; iinkonde neemveku. Akuqeshelwanga ukuba ube nabantu obanyevulelayo kuba ubabona ukuba baphuma kumakhaya ahlelelekileyo.	
UMAQHIKIZANE:	*Ungubani wena ukuba ungathetha ngolo hlobo kum? Hhi? Ungubani kwedini?*	5
USIQHIWU:	Akuqeshelwanga kushawuta bantu apha, akukhathaliseki nokuba ndingubani na.	
UMAQHIKIZANE:	Kulungile ke kumkani khawutsho ndingakunceda ngantoni Mhlekazi?	10
USIQHIWU:	Bendize kucela ukuba akukho mpazamo yenzekileyo …	
UMAQHIKIZANE:	Malunga nantoni ke bawo?	
USIQHIWU:	Ndicela ukuba undiyeke Mhlekazi ndigqibe, wandule ukuhloma imibuzo yakho.	
UMAQHIKIZANE:	Hay' inene ndisuke ndoyika ngoku. Uthi akulothumelo kodwa?	15
USIQHIWU:	Ngamafuphi bawo, sothuswe kukufumanisa ukuba uThembinkosi Mazaleni ongummelwane wethu nophumelele ibanga lakhe leshumi kulo nyaka uphelileyo, sel' ephangela, sibe thina sineminyaka ngamithathu silinde ingqesho.	

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMAQHIKIZANE:	Ungezi kundigezela e-ofisini yam ndixakekile kwedini. Inani nakwenza nam kaloku into yokuphangela kwentwana endingayaziyo, ndingakhathalele nokuyazi ?	20
USIQHIWU:	**Nguwe oqeshayo bawo**. Ndincede, musa ukundiqakathisa torho. Nam ndixakeke njengawe ke tana undibona nje, okanye nangaphezulu.	25
UMAQHIKIZANE	Ayinakuncedwa ndim into yokunyaba kwakho mfanandini … Mna ndilungiselela abantu abangxamele ukuphangela, qwaba ke. Andinaxesha lezanya-mtya.	

17.1 Chaza ukuba kwenzekeni uSiqhiwu sele ethetha ngokuhoywa kwabantu ngokulinganayo nje. (1)

17.2 “Akuqeshelwanga ukuba ube nabantu obanyevulelayo kuba ubabona ukuba baphuma kumakhaya ahlelelekileyo.”

Nika intsingiselo yesi sivakalisi. (2)

17.3 Xela izenzo eziBINI ezingqina ukuba uSiqhiwu akaphathekanga kakuhle kwesi sicatshulwa. (2)

17.4 Kubethelela ngcingani ukusetyenziswa kwamagama abhalwe bukekela kwisicatshulwa? (2)

17.5 Xhasa ngokwebali ukuba kwenzekeni uSiqhiwu sele ethetha amazwi athi “bendize kucela ukuqonda ukuba akukho mpazamo yenzekileyo …” (3)

17.6 Cacisa udidi lwempixano olufumaneka kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.7 Ngeengongoma ezimbini ngqina ukuchaneka kwamazwi abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

17.8 Phawula ngomsantsa odalwe yimeko yendlala ngokwesicatshulwa. (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ISICATSHULWA L

UMAMQHINEBE:	MaGatyeni uyandijoyina kule nto okanye akundijoyini? Ndifuna uhayi okanye u -ewe qha.	
UMAGATYENI:	E-e-e… hayi.. ewe, ngendiba ndiyavuma Qhinebe, kodwa intliziyo yam yona iyarhuqeka.	
UMAMQHINEBE:	Kungcono xa irhuqeka isiya.	5
UMAGATYENI:	Hayi iyarhuqeka yona kakhulu, andifuni kuxoka iyarhuqeka.	
UMAMQHINEBE:	Kodwa ke kufuneka uqaphele ukuba kufuneka isibindi kulo msebenzi.	
UMAGATYENI:	Yile nto ndiyisweleyo kanye ke leyo mna Qhinebe, eso sibindi uthetha ngaso. Imali kaloku Gatyeni, **asiyoyamabhetyebhetye.**	10
UMAMQHINEBE:	Uyandiphulaphula kodwa Gatyeni ?	
UMAGATYENI:	Ngendiba ndiyakuva kona Qhinebe, kodwa ke …	
UMAMQHINEBE:	Kuza kufuneka siqalise ngomso lo usayo ke, singabi saphozisa maseko	
MAGATYENI:	O! Sekuqalwa kwangomso na?	15
UMAMQHINEBE:	Sekuqalwa kwangomso ntomb' enkulu. Ndisemkile. *(Aphume uMamQhinebe)*	
UMAGATYENI:	(Ethetha yedwa) Kwowu! Kazi isingisa phi na le ndlela andiqweqwedisela kuyo lo mfazi Bawo onamandla onke? Uze undikhumbule Bawo xa ndiza kuhamba indlela endingazanga ndayiphupha nokuyiphupha aph' ebomini bam. Namhlanje ndiyalingwa Bawo. Usathana uze ehamba ngeenyawo zombini endlwini yam, wandiqweqwedisela kwantshabalalo, nam ndamvumela. Kodwa, kodwa Nkos' enofefe ndithembe amandla akho. Ndiyazi ukuba kungamandla akho endiya kuthi ndizibone ndiphuncukile kulo mgibe kamtyholi. (Afixize) Bawo ndihlangule. Wena wabakho zingekabikho iinduli neentaba.	20 25

17.9 Sizathu sini esibangela ukuba uMamQhinebe afune ukujoyinwa nguMaGatyeni? (2)

17.10 Thelekisa uvakalelo lukaMamQhinebe okwesi sicatshulwa novakalelo lwakhe mhla bebanjwa ngamapolisa ebeleke usana erenkini. (2)

17.11 Xela ukuba uthetha ukuthini uMaGatyeni xa esithi intliziyo yakhe iyarhuqeka. (2)

17.12 Inika ntsingiseloni intetho ethi, "imali asiyoyamabhetyebhetye" ngokwesi sicatshulwa? (2)

17.13 Nika iimpawu zibe mbini ezibonisa ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwidrama. (2)

[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.